Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

MEYI 2015

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

I-KARWYDERSKRAAL IYASEBENZA KWAKHONA

Le projekthi iphantsi kweliso likaJohan Veldsman weBurger & Wallace noWihan Visser osuka eJan Palm Consultants (kwicala elikude lasekunene) abaziinjineli zeprojekthi. USodolophu, uNicolette Botha-Guthrie uvule ngokusesikweni indawo entsha yokugalela inkunkuma eseKarwyderskraal. Abanye babantu ebebengamangqina okuvulwa kwale ndawo ngaba (ukusukela ekhohlo ukuya ekunene) uCoenie Groenewald, iManejala kaMasipala waseOverstrand; uStan Wallace, iManejala kaMasipala waseTheewaterskloof; uLeon Eksteen, iManejala yephondo yeMIG; uCeba uPhilippus Appelgrein; uCeba uDudley Coetzee; uDavid Beretti, uManejala kaMasipala weSithili waseOverberg; uJohan van Taak oyiManejala kuLawulo lweNkunkuma; uEddie Hanekom, onguMlawuli kwiSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo kunye noCeba u-Abraham Prins.

Ngomhla we-2 Epreli 2015, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uvule ngokusesikweni indawo yokugalela inkunkuma eseKarwyderskraal. Kwezinye izinto athethe ngazo uchaphazele uthetha-thethwano ulube yimpumelelo phakathi kwamaqela abandakanyekayo kwakunye nenxaxheba engathethekiyo phakathi kukamasipala nephondo ukuze kufikelelwe kwinjongo enye, ekukuvulwa kwakhona nokusetyenziswa kwale ndawo yokugalela inkunkuma kusenzelwa ukuba kuxhamle bonke abahlawuleli beenkonzo.

Enye yezinto abaxhamla kuzo ngokuvulwa kwale ndawo yokugalela inkunkuma kukuba oomasipala abadlulileyo kwisinye bangayisebenzisa le ndawo. Okunye kukuba akusayi kuba yimfuneko ukuba kuthuthwe iinkunkuma esuka kwiidolophu ezisempuma ukuya eGansbaai, oku kucutha ukusetyenziswa kwekhabhoni engcolisa umoya kunye nokonga indawo yokugalela inkunkuma yaseGansbaai ukuze isebenze ixesha elide ngenxa yokuhliswa komthamo wenkunkuma othuthelwa kule ndawo.

Le projekthi inikwe inkxaso-mali yama-R9,3 ezigidi nguMasipala waseOverstrand kwakunye nenkxaso yeziseko ezingundoqo ephuma kwiSebe likaRhulumente woMmandla, ngako oku umasipala ubulela ngokungazenzisiyo.

USodolophu uBotha-Guthrie ubulele kakhulu kwikontraki iBurger & Wallace neyaziwa ngokuba bayikontraki ekumgangatho ophezulu kwezokwakha, bebulelwa ngomsebenzi wabo omhle. Ukwazise nokuba ukusebenza kwale kontraki kudale amathuba emisebenzi asithoba kuluntu oluhlala kwiindawo ezingqonge idolophu.

Ngokwengqikelelo, le ndawo intsha yokugalela inkunkuma ingaxathula umthamo ongangetoni ezingama-155 000 zenkunkuma. Xa kuqwalaselwa isantya senkunkuma egalelwayo ngokwamaxesha athile oku kubonisa ukuba le ndawo yothatha iminyaka emalunga nesihlanu phambi kokuba kwenziwe enye entsha.

I-STONY POINT ECO-CENTRE IMISELWE NGOKUSESIKWENI

Emva kothatho-nxaxheba loluntu olumandla neminyaka emininzi yokujongana nemingeni enzima equka izihlomelo ezininzi kwizicwangciso zeziza, iStony Point Eco-centre eseBetty's Bay ekugqibeleni ngoku iyakwazi ukumelana neyona njongo ephambili yeprojekthi neyenzelwe yona ejolise kwiintaka zolwandle ezisemngciphekweni wokutshabalala, abakhenkethi, iBetty's Bay Boat Club neMooiuitsig Community Trust ezizezona zinelungelo lokulawula ivenkile yekofu neziko elilondoloza imicimbi yendalo.

Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye noMphathiswa wezotyelelo uDerek Hanekom, bejonje uMagrietha de Bruin, omele iTrust ekwingingqi ye Mooiuitsig , evula iplaque obonisa ukuvulwa ngokusesikweni kwe Stony Point Eco-centre.

Kumiselo ngokusesikweni kwayo ngomhla we-10 Epreli 2015, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uqhwabele izandla oomanejala beprojekthi zeCasidra ngokuthi zidibanise ngokunempumelelo iintsalela zesikhululo solungiselelo lweminenga, isikhululo sobuntlola seMfazwe yesiBini yeHlabatni nezikhululo zokusebenza kunye nezitoro zikamasipala ziguqulwa zisenziwa iindawo ezingumtsalane zabakhenkethi nezizezolondolozo lwendalo.

Ngenxa yenkxaso-mali yeNkqubo eYongezelelweyo yeMisebenzi yoLuntu, iSebe lezoKhenketho lingenelele kulwakhiwo lweziko lolwazi lwabatyeleli elinomgomo walo, igumbi leti kunye nesiza selifa lemveli elingembali yeminenga eliseStony Point Eco-centre.

Kwintetho yakhe, uMphathiswa wezoKhenketho, uMnu Derek Hanekom ucele abathathi nxaxheba ukuba baqhubeke nokudala amathuba anje eprojekthi ukudala amathuba emisebenzi nokunceda ukuphuhlisa uqoqosho lotyelelo olukhulayo, olulo noluzinzileyo ukuze kuxhamle uluntu lwendawo.

Esandulukubulwa ieco-centre ase Stony Point yi "makwenzeke" nakuye nawuphi iajenda "yumtheleli"

ISAZISO ESINGOPHANDO LWENTLALO NOQOQOSHO

UMasipala waseOverstrand ubone kuyimfuno ukuba azi ngeemfuno zolwakhiwo lwezindlu ukuze enze isicwangciso sexesha elizayo samathuba okwenza inkonzo engcono yonikezelo lweenkonzo zolwakhiwo lwezindlu. Oku bekunzima kakhulu ngenxa yemicimbi efana nokungabikho kolwazi malunga neemfuno zezindlu, ukwanda kwabantu abanxusileyo belindele ukwakhelwa kunye nokwanda kwamanani abantu abahlala kwiimeko ezibubugxwayiba nezixineneyo.

Ukuze sikwazi ukukhawulelana nale mingeni, umasipala kufanele azi iimfuno zabo bangenazo izindlu nabo bafuna ukwakhelwa kwaye oku kungaphunyezwa ngokuba kwenziwe uhlolo lwemeko yentlalo noqoqosho kujoliswe kakhulu kuhlaliso loluntu. Njengenxalenye yohlolo, uphando lwakwenziwa kwiindawo ezithile ukwenzela ukuba kufunyanwe iinkcukacha ukuncedisa iBhunga ukuba likwazi ukwenza izigqibo.

Ezi ziindawo ezakuchaphazeleka kulwenziwo lolu phando: EKleinmond, eHawston, e-Onrus River, eHermanus, eSandbaai, eZwelihle, eStanford naseGansbaai.

Abaphandi bakukhethwa kwezi ndawo zingentla. Izibhengezo ngaba baphandi zakupapashwa kwiphepha-ndaba loluntu ukuze abo bafaki-zicelo abanaso isakhono sokuphanda bafake izicelo zezi zithuba.

Ukuze uluntu lukwazi ukubabona abo bangabaphandi, bakube benxibe ivesti zokhuseleko ezimthubi ezibhalwe igama elithi "Aurecon". Olu phando lwakwenziwa ukususela ngomhla wama-22 Juni 2015 ukuya kowe-11 Septemba 2015.

Lo mzi wenza uhlolo lwezimvo i-Aerecom yiyo elawula le projekthi, kuquka nophando. Umntu ekuqhagamshelwana naye e-Aureron nguMnu Lindilizwe Mngxekeza. Uyafumaneka kwezi nombolo zilandelayo **021 526 9435** okanye kule nombolo **082 888 8725**.

INKQUBO YOKUDIBANISA AMAHLAKANI OSHISHINO NAWOLUNTU NGENJONGO ZOKUCHONGA, KWAKHIWE KUZE KUPHUHLISWE ULUNTU LWASEHAWSTON IBE "YENEMPUMELELO"

ISebe loPhuhliso loQoqosho loMmandla (LED) liququzelele inkqubo yokudibanisa amahlakani ezoqoqosho noluntu ngeenjongo zokuphucula nokuphuhlisa uluntu (PACA) oku kusenzeka eHawston kwiHawston Thusong Centre kwinyanga kaMatshi.

Injongo yale nkqubo, elandela indlela yesicwangciso esixhamlwa luluntu, nenjongo ekukuphuhlisa iindlela zobuhlakani noluntu ngenjongo zokuchonga iiprojekthi ezibalulekileyo kwinkquboqhinga yoqoqosho nengaphunyezwa kule ndawo.

Intlanganiso yocweyo yokuqala ibanjwe ngomhla we-10 kuMatshi ibicacisa ngezi nkqubo kuluntu. Iintlanganiso ezininzi zocweyo zibanjiwe kuquka udliwano-ndlebe nolutsha, icandelo loluntu kwakunye namashishini akhasayo.

USolomzi Madikane, onguMlawuli woPhuhliso loQoqosho loMmandla kunye noKhenketho, ucacise ukuba le nkqubo yeyona iyiyo ngoba iquka kwaye ilawulwa luluntu.

Abo baphambili ekuthatheni inxaxheba kwezi projekthi zikhethiweyo bakhethwa kumalungu oluntu kwaye kunyanzelekile ukuba badibane rhoqo ukunika ingxelo ngeziphumo zeprojekthi yomntu ngamnye. Ukudlala indima yokuba ngumququzeleli, umlungelelanisi nokuba ngumenzi, iqela le-LED lakuncedisa kwiinkqubo ngokuthi lize neendlela zokusondeza izibonelelo ezikhoyo namathuba otyalo-mali ukuze oko kuncede ekuphumeleliseni iiprojekthi ezizisa uncedo.

Ukunceda ukwakha ukuzingca phakathi koluntu nokuqinisekisa ukuphunyezwa, ukuchongwa kweeprojekthi oko kodwa kwenzeka ngokwexesha elifutshane okanye elide kunye noku okulandelayo okuchongiweyo 'nokuneziqhamo ezozizo' zeprojekthi – oko kuthetha ukuba ezo projekthi zezo zineziqhamo ezincumisayo kwixesha elizayo:

1: Ubuhlakani kwezoshishino
2: Iziko lezakhono
3: Inkqubo yokuphila ngezilwanyana nezityalo eziphila elwandle
4: Amashishini avula ubusuku nemini, igaraji i1-stop
5: Imarike yoshishino
6: Inkampi yokuzonwabisa ephuculiweyo
7: Ikhaya labadala
8: Ukuphuculwa kwePaddavlei
9: Ukuphuhliswa kolutsha

"UMadikane uthe "ukutyala izimali kuluntu kudala uphuhliso oluzinzileyo nokukhula ukuze kuxhamle uluntu". Uthe "ISebe lethu lijolise ekuncedeni uluntu lukhulise isakhono salo ngokuthi lisebenzise olunako eluntwini, kwaye kungumnqweno wethu ukuba sibambe usimpoziyam yenkxaso kwilixa elizayo ukuhlola indlela abatyali-zimali abatyala imali ngayo kwiiprojekthi ezicwangcisiweyo."

U-YAMAHA VIRTUOSO UJONGE UKUCHWAYITISA IZIHLWELE

Ngomhla we-17 kuMeyi umdlali wepiyano obalaseleyo u-Awadagin Pratt, umgwebi kuKhuphiswano lweHlabathi lwePiyano lwaseUnisa uya kube ethatha iqonga kwiholo iCivic Oditoriyam eseHermanus apha aza kube echwayitisa izihlwele ngomsebenzi okumgangatho ophezulu noyindumasi kaSchubert Liszt, uScarlatti, uCouperin, uKodaly, uTchaikovsky, uChopin noHersch.

Awadagin Pratt

Okwangoku uPratt ubambe isikhundla sokuba yiNjingalwazi yePiyano kunye neGcisa kuyo kwiResidence ekwiCollege Conservatory of Music ekwiYunivesithi yaseCincinnati.

Ikonsathi iqala ngentsimbi ye-15h30 itikiti lili-R120 (ama-R60 kubafundi). Ukubhukisha isitulo sakho, nceda tsalela uBELLINI kule nombolo 028 312 4988. Ngemibuzo ethe vetshe tsalela unobhala we-OAK uRené du Plooy, kule nombolo 082 940 4238.

INGXELO NGENKQUBELA KUPHUCULO LONXIBELELWANO LWEENTAMBO ZOMBANE ZASEGANSBAAI

Echaphazela iKleinbaai, iGansbaai, iBlompark, iFranskraal, iBirkenhead neStanford

Kwiminyaka emininzi egqithileyo kwenziwa isicwangciso esiquka konke okumalunga nombane okufana nokutshintshwa kwezixhobo ezidala zombane kulungiselelwe noqikelelo kwezo zinokufuneka kwixa elizayo ngenxa yokukhula kwendawo yaseGanbaai. Ukususela kowama-2007/8 inkqubo yophunyezo lwezicwangciso zexesha elizayo yabona kufanele ukutshintshwa, ukuqiniswa kunye/okanye ukuphuculwa kwenziwe ngcono olunye unxibelelwano lweentambo zombane (iqondo eliphakathi neliphantsi lamandla ombane).

Kuluvuyo kuMasipala waseOverstrand ukunika ingxelo yokuba ukususela ekuqaleni konyaka-mali wama-2014/2015, umsebenzi wokuphucula unxibelelwano lweentambo zombane kwezi ndawo zilandelayo uhamba ngokwesicwangciso kwaye kubonakala ukuba umhla owawubekiwe okuAgasti wokuqosheliswa komsebenzi usabonakala njengosemiyo okwakaloku nje:

Indawo	Iinkcukacha ngeprojekthi	Ixabiso leprojekthi (R '000)	Inkqubela ukususela kowo-1 Epreli 2015
EKleinbaai	Ukwakhiwa ngokutsha kwesixhobo sokhuseleko esilawula ubungakanani bombane onokusetyenziswa i-circuit breaker esebenzisa inqondo lamandla ombane eliphakathi kwisikhululo sombane esikhulu, kwinqanaba lesi-2	1,940	4%
EGansbaai	Ukwakhiwa ngokutsha kwesitishana esikwiSitrato iBuitekant	604	83%
EFranskraal	Ukwakhiwa ngokutsha kwesitishana esikwiSitrato iJulia	636	83%
EBlompark	Ukuphuculwa kweentambo zamandla akwiqondo eliphantsi lombane kuquka izibane ezikhanyisa izitrato kwezi ndawo zilandelayo: *kwiZitrato iMadeliefie, iDahlia, iSkool, iAster neRoos; *iStrato iKampeer (ukususela kwiSitrato iMadeliefie ukuya kwiRoos); kunye *neSitrato iRidderspoor (ukususela kwiZitrato iMadeliefie neRoos)	2,335	64%
EBirkenhead	Ukuphuculwa nokususwa kweentambo zombane ezihamba phezulu kufakelelwe ezinye kufuphi nendawo ebizwa ngokuba yiDanger Point kwisibane sokubonisa iinqanawe indlela kwiSitrato iSmuts neendawo zokuhlala ezijikeleze indawo le nezichaphazelekayo	2,858	49%
EStanford	Ukuphuculwa kweentambo zamandla akwiqondo eliphakathi lombane kwiSitrato iMoore (ukususela kwiSitrato iDe Bruyn ukuya kwiQueen Victoria) neSitrato iLangmark (ukususela kwiSitrato iKing ukuya kuma ngeHeinrich)	1,213	68%

UMasipala waseOverstrand nosebenzisana ne-Adenco Construction (ephumelele kwinkqubo yoniko-maxabiso) bazama kangangoko ukucutha ucimo lombane olucetyweyo. Nangona kunjalo siyalubongoza uluntu ukuba lube nomonde noko ngelixa kuzanywa ukuphuculwa le meko. Singathanda ukubaqinisekisa abantu ukuba zonke iindawo ezigrunjiweyo zakuditywa zibuyiselwe kwimo yazo yangaphambili emva kokuba umsebenzi ugqityiwe.

Umzamo wokuqinisekisa ukuba lonke uluntu namashishini ethu ukuba anonxibelelwano lweentambo zombane ezikhuselekileyo, ulwabiwo-mali lowama-2014/2015 lubekele bucala imali yeeprojekthi zombane zakwindawo yaseHermanus neyaseHangklip-Keinmond. Kubonakala ukuba zonke iiprojekthi zihamba ngokwendlela ezicwangciswe ngazo, kwaye iBhunga lithatha uxanduva ekugcineni bonke abachaphazelekayo besazi ngalo lonke uphuhliso ngalo mba.